


PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRRAIN SA YOPHULISO LWABAVELISI



Phucula ubukho bokutya okwaneleyo ngombona nentlama **yomgubo wombona**

UKUGCINWA KWEENKOZO EMANZINI YINDLELA EKHETHEKILEYO YOKULUNGISA UMBONA NEZINYE IINKOZO EZIFANA NAMAZIMBA, UKUZE KUPHUCULWE IXABISO LAZO LEZONDLO FUTHI ZIGUQUGUQLWE UKWENZELA UKUPHEKA NOKUBHAKA.

Le nkqubo ivelisa iinkozo ezinokuphothulwa (nixtamal) – imveliso echume ngezondlo, enencasa nekulula ukuyiguquguqula ize isilwe ukuze kwenziwe intlama okanye umgubo wokwenza iimveliso zokutya ezisekwe emboneni.

INKQUBO

Umbona ugcinwa emanzini, uhlanjwe uze uhlutywe – amakhasi ombona ayathamba aze asuswe. Kukholelwa ekuben le nkqubo isusa emboneni iityhefu eziziaflatoxin ezifikelela kuma90% ukuya kuma97%. Wakuba uhlanjiwe umbona, iinkozo zibizwa ngokuba ziinkozo ezinokuphothulwa. Oku kusilwa, kuphothulwe kuze kuguququlwe ngamanzi ukuze kube yintlama yomgubo wombona ebizwa

ngokuba yimasa (jonga **Isazobe 1** kwiphepha lesi?) ekunokwenziwa ngayo iimveliso eziliqela. Kwakhona lo mxube ungomiswa ukuze emva koko uphuthulwe ube ngumgubo onokusetyenziselwa ukwenza izonka nokubhaka.

IZINTO EZILUNCEDO

Ukugcinwa kombona emanzini yinkubo yoguquguqulo kulimo ekhokelela kwizinto eziluncedo eziliqela ngaphezu kombona ongenziwanga njalo:

- Kulula ukuwusila.
- Kongeza iiprotheyini ezifumanekayo kune nesiquelatho sezondlo zezixa ezincinane.
- Kuphucula isongo nevumba.
- Isitatshi sicoleka lula.
- Ziyacutheka iityhefu eziziimycotoxin.

INGOZI NGEEMYCOTOXIN

limycotoxin ziityhefu ezenzeka ngendalo eziveliswa ngumngundo (fungi) kwaye zifumaneka kwiintlobo ezininzi zokutya, kuquka umbona.



Umbona ungangcoliseka entsimini nangexesha lokugcinwa kwavo. Ukuba sesichengeni seemycotoxin kwenzeka ngendlela engqalileyo yokutya ukutya okunosulelo, kwaye kungakhokelela kwiziffo ezahlukahlukileyo ebantwini nakwizilwanyana.

Njengoko umbona ukukutya okusoloko kusetyenziswa eMzantsi Afrika, kubaluleke ngendlela ekhethekileyo ukufunda banzi ngenkubo enokugxotha iingxaki ezikhoyo – ngokugcina iinkozo emanzini.

NAWE UNGAYENZA


- Faka umbona embizeni uwuggume ngamanzi. Nceda qaphela: Musa ukusebenzisa imbiza epecepece eyenziwe ngealuminium – sebenzisa imbiza eyenziwe ngentsimbi okanye engahlalwa bala.
- Galela amacephe amakhulu amabini ekalika efunyisiwego (slake lime) embizeni, kuba seinyityilikiswe emanzini ashushu azilitha ezi2. Ikalika efunyisiwego iyicalcium hydroxide, enokuthengwa ekhemesti – yona yahlukile kwikalika esetyenziswa kulimo.
- Bilisa imbiza enombona namanzi kwimizuzu eli10 ukuya kweli15. Akufuneki uvuthwe kakhulu umbona kuba xa umaleko wawo owugqumileyo unokunyibilika, umbona uya kufunxa amanzi. Okukuya kusijiyisa isitatshi esisemboneni uze ungakulungeli ukwenziva kwentlama yemasa.
- Emva kwemizuzu eli10 ukuya kweli15, susa imbiza emlilweni. Yilinde iphole ebudeni bobusuku okanye kwiyyure ezisibhoso nangaphezulu.
- Kusasa, uya kuqaphela ukuba umbala utshintshile futhi namakhasi ayekellele. Galela umbona kwisihluzi samanzi uze uwuhlambe ngamanzi acoekileyo, ngelixa uwuhlikila ngezandla ukuze uwuhlube asuke amakhasi amaninzi. Ngoku lo mbona ubizwa ngokuba ziinkozo ezinokuphothulwa.
- Iinkozo ezinokuphothulwa zinokuphekwa njengeenkozo ezipheleleyo okanye zisilwe ukuze kwensiwe intlama ebizwa ngokuba yimasa, le yintlama efumileyo nencangathi enokusetyenziswa ngeendlela ezininzi.

Nceda qaphela: Sebenza ngenkathalo xa uphethe ikalika efunyisiwego. Qiniseka ukuba umoya ungena kakuhle ukuze ungarhogeli umoya odibene nayo. Izandla zakho sukuzifaka ngqo emanzini anekalika. Galela umbona kwisihluzi uze uwupulish ngocoselelo ngamanzi – zamisa ngephini okanye unxibe iiglavu xa uhlamba ikalika emboneni. Wupulish ngocoselelo umbona. Ukuba sesichengeni ngenxa yokungazikhuseli kungabangela ubuntununtunu obuxhalabisayo bolusu okanye ukonakala kwemiphunga. Ikalika efunyisiwego inesakhono sokonakalisa yiloo nto kufuneka isetyenziswe ngokupaphela.

- Intlama yemasa ingensiwa ngale ndlela, iinkozo zingaphothulwa zide zibe yintlama okanye kusetyenziswe umatshini wokucola ukutya. Ukuba azide zibe yintlama edibeneyo, galela amacephe amakhulu amabini amanzi ngexesha ude lo mxube udibane ube yintlama engqindilili.
- Isahlulo singathatha imizuzu emine ukuya kwemihlanu sisinye kumatshini wokucola ukutya phambi kokuba intlama ibe yiyo. Ukuba intlama inokuba manzi kakhulu, kuba nzima ukuyiphatha esandleni.
- Xa unokuyomisa intlama, ingasetyenziswa ngeendlela ezininzi, nangokuladela iiresiphi.

UBAMBISWANO LUPHUCULA OKUNOKWENZIWA

Kukhawuleze kwacaca ukuba lo ngumba ofanele ukuhlolwa. Kwanqoko iqela liqalise ngokukhangela abahlulelane bokubancedisa ekusaszeni olu lwazi luchwayitisayo. ISBebe leNzululwazi nobu-Chwepheshe, ngokuphinda lixhaswe liSebe elibizwa ngokuba lele-Nzululwazi noSungulo (Department of Science and Innovation - DS), libonise umdra omkhulu. Izifundo zokuqala ezaphuhlisiswayo zakhtshwa goncedo oluvela eDSI usaqala unyaka wama2018.



Inkqubo yokugcinwa kweenkozo emanzini.

Umthombo: <https://latortilleria.com.au/>



AbakwaGrain SA banezifundo ezininzi zokufundisa abalimi namabhinqa kwindawo ezisemaphandleni ngenkubo yokugcina iinkozo emanzini.



Ukuthengisa iimveliso ezibhakiweyo ngokusebenzisa intlama eguguqulwayo kudala amathuba okufumana imali eyongezelweyo.

Ngengiqo yokuba olu sungulo belubalulekile kuqoqosho Iwezen-dalo kulimo, amasebe aseGrain SA oPhando noPhuhliso IwabaLimi abambisene kunye noGq JW Swanepoel kunye noGq Alba du Toit weZiko loZinzo kuLimo, uPhuhliso IwamaPhandle neSolulo seMpatho kwiYunivesithi yaseFree State (UFS) ukze kuqhutywe ngophando loququguqulo kulimo nangamathuba anokuveliswa lulo nayinkubo yokugcina iinkozo emanzini.

Kude kube namhla, ubambisano IweGrain SA/DSI Iwenze ukuba kukhutshwe izifundo zoqequeso ezimalunga nama500, kwa-ze kwafundiswa abantu ebebezimase izifundo abamalunga nama6 000 ngeenkukacha nangokugcina iinkozo zombona ngokunjalo na-nqokusetyenziswa kwazo ngabantu. Kusaqhutywa ngophando kuba neUFS ihlanganisela iiresiphi ezicoselelwayo, kwensiwa iimveliso ezinokuthengiswa futhi kwensiwa uphando nangobomi bokubekwa ezishelfini, iindlela zokubekelela iipakethi zazo kunye nemifuziselo enokubakho yoshishino ukze kuboniswe iintlobo ezahlukileyo za-mashishini ngokubambisana namabhinqa asemaphandleni.

ISISHWANKATHETO SEPROJEKTHI KUDE KUBE NGOKU

Kude cube ngoku, ngokusebenzisa iprojekthi, kuphunyezwe okulandelayo:


Ufundonzulu lokufumanisa iinkcukacha: linkcukacha ezifunyaniswe kwixesha lesindululo ngemigaqo yoluquguqulo, kwa-qokelelwu kwaze kwahlalatywa ulwazi olukhoyo ngoku kunye nezakhono zobuchule phakathi kwamaqela oluntu.

Upfando nophuhliso:

- liresiphi ezikhoyo ngoku ziye zaphengululwa kwaze kwaphuhliswa incwadi entsha yeeresiphi.
- Kuphinde kwensiwa olunye uphuhliso ngokunjalo kwaphuhliswa nezinye iimveliso ezininzi – ngokwenza njalo kwandiswe umda weemveliso.
- Kuqhutywe nezinye iimvavanyo, ezifana nesiqualatho sezondlo, ukuthengeka, isongo nethuba lokugcinwa kweemveliso ezahluki-leyo eshelfini.
- Kuphuhlisiswe eminye imigaqo yoluquguqulo ukze kuphuculwe isiquidatho sezondlo futhi kusetyenziswe izityalo eluntwini.
- Kananjalo kuphuhlisiswe imifuziselo emine enobucukubhede ne-nokusebenziseka ekuqalisweni kwamashishini.

Uphuhliso Iwezakhono: lindlalifa zifumene uqequeso Iwemigaqo yoluquguqulo ephuhlisiwego.

Amaphondo ekujoliswa kuwo apho kuza kubakho amathuba oqequeso, yiMpumalanga, iLimpopo, iFree State noMntla Ntshona. ■



linkozo zombona zitshintshwa zibe yintlama yomgumbo wombona.

Umthombo: <https://www.americastestkitchen.com/cooksillustrated/science/789-articles/feature/transforming-corn>



Ziziintlobo ngeentlobo iimveliso ezinokwenziwa ngale ntlama – idombolo, isidudu esisempilweni, ikeyiki ezigcadilweyo, amashwamshwam nkqu neyogathi.



*JENNY MATHEWS,
INGCALI NOMHLOHLI
WOLAWULO NOPHUHLISO*

UMLIMI WONYAKA

Naba abatyunjwa bama2023

KWAKHONA LIFIKILE IXESHA LOKUCHWAYITA LONYAKA APHO ABATYUNJWA BOKHUTSHI-SWANO LWASEGRAIN SA LOMLIMI WONYAKA SEBEPHINDE BACHONGELWA UNYAKA WAMA2023.

Aba batyunjwa bokhutshiswano bamele amawaka abalimi beenkozo kule nkqubo abasebenza nzima ngosuku ngalunye ukuze babonelele iintsapho zabo – abalimi abazakhela amashishini abo bethe chu ngokunjalo basebenzele ukwakha ishishini elinozinzo lokurhweba ngokufama.

Bonkeabatyunjwababoniseukukhulakwimisebenziyaboyokufama ngokuxhaswa ligalelo leNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi. Ukusebenza kwabo nzima kuya kuphakanyiswa kwitheko IoSku IoMbhiyozo ngomhla wama20 kuSeptemba. Eli theko luchochoyi kwikhalaenda

yaseGrain SA kwaye luhawu lokubalulwa kwemfezeko ekulinyweni kweenkozo, ukubonisa amalinge okuziduba nokuzinikela kwabalimi bethu abamangalisayo.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba injongo engundoqo yolu khutshiswano asikokugqwesa; koko kukubhiyozela ukufunda, uku-khula, uphuhliso nokusebenza nzima kwamawaka abalimi kwiNkquo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi. Lujoliswe ekubeni lube ngumthombo wenkuthazo nenkuthalo yabo bonke ukuze sisoloko siqhuba ngokuziphucula side siphumeze imiqqaliselo yethu – kungakhathaliseki ukuba iphakame kangakanani.

Ukuba utyuniwe kolu khutshiswano, wenze into elungileyo kwaye ungumzekelo omhle kwabanye malunga nezinto ezinokuphunyezw. Ngaloo mazwi, naba abatyunjwa bonyaka wama2023. ■

IQELA LABAHLELI

UMLIMI WONYAKA ORHWEBAYO WE-NEW ERA



Traste ya Dwaalkraal
Ingingqi: Sannieshof
Ifama: Dwaalkraal



Botlhale Tshabalala
Ingingqi: Lichtenburg
Ifama: Driehoek



Lethiwe Derrile Mthethwa
Ingingqi: Dannhauser
Ifama: Milnedale



Luvuyo Mbutho
Ingingqi: Kokstad
Ifama: Altona, Swartberg



Paul Motlokoa
Ingingqi: Sasolburg
Ifama: Sachen Weimar



Petrus Tsoetsi
Ingingqi: Kestell
Ifama: De Bult, Kestell



William Raphoto
Ingingqi: Lichtenburg
Ifama: Lareystryd

UMLIMI WONYAKA ONESAKHONO SOKURHWEBA



Kopano Lentswetshipi
Ingingqi: Lichtenburg
Ifama: Weltevrede



Philane Khoza
Ingingqi: Bergville
Ifama: Dukuza



Simon Shabangu
Ingingqi: Carolina
Ifama: Welgevonden



Zoliwe Nombewu
Ingingqi: Tsolo
Ifama: Gotyibeni

UMLIMI WONYAKA ORHWEBA KANCINANE



Amos Mahlangu
Ingingqi: Carolina
Ifama: Brakspruit



Nkosinathi Hadebe
Ingingqi: Newcastle
Ifama: Eastborn, Osizweni



Siphesihle and Siphiwe Mahlinza
Ingingqi: Utrecht
Ifama: Goedehoop

UMLIMI WONYAKA OLIMELA UKUZIPHILISA



Beauty Gumbi
Ingingqi: Paarlpietersburg
Ifama: Uphuzane



Busisiwe Msibi
Ingingqi: Volksrust
Ifama: Ukuthanda ugukhanye CPA



Mzolisi Lennox Silimela
Ingingqi: Mthatha
Ifama: Baziya A/A Makaula



Ndinda Mkhonza
Ingingqi: Hereford
Ifama: E166A, Hereford East



Tebego Jele
Ingingqi: Dannhauser
Ifama: 0937 Annerdale




Thabiso Mthwayi
Ingingqi: Maclear
Ifama: Hlankoma AA, Mdeni, Qolweni



Thulisile Mazibuko
Ingingqi: Bergville
Ifama: Dukuza Mantesheni

Khusela igama losapho lwakho



YINTSIKELELO XA UTATA EKWAZI UKUFAMA NOONYANA BAKHE OKANYE ABAKHWE NYANA BAKHE ADE ETHUBENI AKWENZE OKO NABAZUKULWANA BAKHE. KODWA INGABA KUYA KWENZEKA NTONI XA ENOKUSWELEKA OKANYE XA ENGASENAWO AMANDLA ANELEYO OKUQHUBA NGOKULAWULA IMISEBENZI YOKUFAMA?

Nangona amashishini eentsapho enegalelo elibalulekileyo kuqoqosho lwaseMzantsi Afrika, kulusizi ukufumanisa ukuba malunga nama85% yamashishini eentsapho okufama awasayi kuma ade afikelele kwiszukulwana sesithathu. Le nyaniso ipapashwe ngomhla wesi5 kuMeyi wama2022 yiFarming Portal.

UKUBALULEKA KOEWANGCISELO LOKUNIKELA IINTAMBO

UYolandi Kruger, umbhexeshi nomcebisi kulimo eDunamus Agri, uthi ithuba lobomi elingumyinge leshishini lokufama losapho yiminyaka engama24. Xa olu hlolo lweshishini lunikelwe ukusuka kwiszukulwana sokuqala (utata) ukuya kwiszukulwana sesibini (abantwana), okunokwenzeka malunga nokunikelwa kweentambo kungama30%. Xa kunikelwa ukusuka kwiszukulwana sesibini ukuya kwiszukulwana sesithathu (abazukulwana), amathuba okuphila ancipha ade abe li10%.

Isizathu esingundoqo sokwenzeka koku, kulkulambatha kocwangciselokunikelwa kweentambo. Eli gama libhekiselele kwisicwangcisocebo soshishino esisetenziselwa ukunikelwa iindima zobunkokeli komnye umntu omncinane kwishishini.

Malunga nokufama kosapho, iindima zokhokelo zifanele ukugqithisewa ezantsi kwelinje ilungu losapho xa inkokeli yokuqala/intloko izibeka phantsi iintambo.

NgokukalInvestopedia, ucwangciselokunikelwa iintambo luqinisekisa ukuqhubeke kweshishini ngaphandle kwamagingxigingxi



Utatomkhulu nomzukulwana wakhe babuka umhlaba wefama ngelixa besabelana ngamaphupha abo ngekamva leshishini lokufama losapho.

nangaphandle kokuphazamiseka emva kokuba abantu ababalulekileyo bedlulele phambili kumathuba amatsha, bethathe umhlalaphantsi okanye xa basweleka. Ucwangciselokunikelwa iintambo yindlela elungele amaqqumrhu eentsapho okufama ukuqinisekisa ukuba imisebenzi ilungiselelwu ngokufezekileyo ukuze kuphuculwe futhi kundekale onke amalungu osapho abandakanyekayo – kungabi ngabo abakumanqanaba olawulo okanye esigqeba kuphela.

Kubalulekile ukuba inkokeli/intloko yokuqala iqalisengesiwangciso sokuphunglela okanye esomhlaphantsi kuselithuba ukuze enze amalungiselelo ayimfuneko. Inkokeli/intloko yokuqala inendima ebalulekileyo apha, njengoko inesona sabelo sikhulu kwishishini lokufama.



Umsebenzi wokufama oqhutywa ziintsapho awunakuvunyelwa ukuba uwe yakuba intloko ingasakwazi kuzibandakanya.



IINTSAPHO ZABALIMI ZONDLA IHLABATHI

Njengoko ukufama kweentsapho kusondla ihlabathi, kulusizi ukufumanisa ukuba ucwangciselokunikelwa iintambo alwenziwa kakuhle kumashishini amaninzi okufama kweentsapho. Zininzi kanganga-ma70% iimveliso zokutya zehlabathi eziveliswa ziintsapho zabalimi, ezenza imisebenzi ebalulekileyo yokugxotha indlala nokungondleki.

Ngaphaya koko, ukufama kweentsapho kudala impilontle. Amalunga nama40% amakhaya ehlabathini anobomi obuxhomekeke ekufameni kweentsapho.

Ngokwengxoxo engasentla, kucacile ukuba umsebenzi wokufama oqhutywa ziintsapho awunakuvunyelwa ukuba uwe yakuba intloko ingasakwazi kuzibandakanya. Ngoko ke, kufuneka kucwangcisele iimeko ezithile phambi kokuba isizukulwana esizayo sithathe iintambo. Le nkqubo ikhuphela ecaleni inkoliso yongquzulwano enokuthinteleka.

UGq Johan Beukes waseAuthentic Living Learning uthi kukho imida efanelekileyo efanele ukugqalwa ukuba kuhuseleke ubudle-lwane phakathi kosapho. Kwimeko yokufama, inkokeli ifanele ukuba nye. Lo mntu kufuneka abe nolwazi nezakhono ezidingeke ekughutyweni kweshishini lokufama kwaye ufanele ukulawula umsebenzi wokufama ukuze usapho lube nento eluyizuzayo kwithuba elide.

UNXIBELELWANO SISITSHIXO

UTheo Vorster waseGalileo Capital ugxinisa ukuba iingxaki zemisebenzi yokufama yeentsapho ziqala xa kungekho nxibelelwano lwaneleyo phakathi kwamaqela abandakanyekayo. Uthi izizukulwana ezahlukileyo – utata, abantwana kune nabazukulwana – zifanele ukusoloko zithetha ngezidindo zazo nangamaphupha ezinawo ngeleshishini lokufama.

UKruger noBeukes bayavumelana ngalo mba futhi boleka ngelithi ukulambatha



konxibelelwano ngomnye wemiqobo emikhulu gqitha, ngokunjalo yenyenye yeentsusa ezinkulukazi zongquzulwano emsebenzini wokufama weentsapho.

Unxibelelwano lubhekiselele kwiincoko ezenziwa rhoqo zokuxoxa ngemeko yemali yesiheshini. Wonke umntu obandakanyeka kwishishini lokufama ufanele ukuyazi imingcipheko elikuyo ishishini. Imibandela enxulumene neshishini lokufama, efana nocwangciselokunkela iintambo, kufuneka kuxoxwe ngayo. Ngamathuba ezi ntlanganiso, makubhalwe imizuzu efanelekileyo eya kusetyenziswa njengesalathiso sexesha elizayo.

ULWAKHIWO LOSAPHO

lintsapho ezininzi ezifamayo zilungiselela zize zisebenzise ulwakhiwo losapho njengesikhokelo sokwenza ucwangciselolunempumelelo lokunkela iintambo. Olu Iwakhiwo losapho lunika isiseko esibalulekileyo salo naliphi ishishini elincomekayo lokufama losapho. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba umsebenzi wokufama uya kukwazi ukuma kwizizukulwana ngezizukulwana.

Ulwakhiwo losapho lufanele ukuba luxwebhu 'oluphilayo' olubuyeletwa rhoqo. Ukuba amalungu osapho awavumelani ngolungiselelo lolwakhiwo losapho, usapho maluzidibanise neengcali ezinokuluncedisa.

Ulwakhiwo losapho maluqulatle imiba elandelayo:

- **Isicwangciso sokunikela iintambo:** Xa selisondele ixesha lokuba isizukulwana esidala sizibeke phantsi iintambo, lubaluleka ngakumbi ucwangciselolokunkela iintambo. Lixesha elkholisa ukuzichukumisa kakhulu iimvakalelo. Isicwangciso sokunikela iintambo kulwakhiwo losapho sifanele ukuquka imiba yemali yobuqu bomntu ngokunjalo nemiba yesiheshini. Ukuba oku kucwangciselwe ngokuchaneke kangangoko, aba makhulu namathuba empumelelo.
- **Ulawulo lokunikela iintambo:** Ishishini ngalinye lokufama losapho liquka ingcingane yolawulo efana yodwa. Kubalulekile ukuba le ngcingane ichazwe kakuhle kulwakhiwo losapho. Ingaba izigqibo zemihla-ngemihla zifanele ukwenziwa njani? Ngubani owenza ezi zigqibo? Ngubani oza kunikwa iintambo? Yonke le mibuzo mayihlangatyeze kulgakhiwo losapho.
- **Ukunikela iintambo zobunini nokunikela ngempahla yexabiso:** Umsebenzi wosapho wokufama unempahla yexabiso, enokwahlulwa ngokwezintlu ezintathu – intsimi, izixhobo zokusebenza kune nemfuyo ngokunjalo namashishini okufama. Ukunikelwa kwempahla yexabiso ukususela kwizizukulwana esithile ukuya kwestine kufanele kuqondwe kwaye kucwangciselwe kakuhle. Phendula imibuzo efana nelandelayo: Ingaba usapho lunamalungelo kwimpahla ethile yexabiso? Ingaba impahla yexabiso iya kwahlulwua njani?
- **Ucwangciselolwempahla yeshishini kanye neewili:** Ucwangciselolwempahla yeshishini lulungiselelo Iweerhafu, amatyala kanye neenkitho xa inkokeli/intloko isweleka. Kubalulekile ukubala amandla emali okufama osapho xa esweleka ukuqinisekisa ukuba akusayi kubakho nqongophalo lwemali esesandleni oluya kuchaphazelamsebenzi wokufama.
- **Imisebenzi enikwa usapho:** Cacisan ukuba ngubani obonwa njengelungu losapho, umzekelo, ingaba abakhozi balusapho nabo na? Ngaphaya koko, miselani imiqathango malunga nokukhethwa kosapho ngokunjalo nangemimiselo yoleko.
- **Ukwabelana ngobutyebi:** Ngubani ofanele ukuba nezabelo nokuthi ngubani ofanele ukuthengiselwa izabelo?
- **Ibhunga labacebisi:** Ngubani ofanele ukuba kwibhodi yababhhexeshi? Ukvota kufanele ukuthiywa njani? Izigqibo zifanele ukwenziwa njani?

Khumbula: 'Ifama ingaphezu kwentsimi nezityalo – ililifa nekamva losapho.' (bluehost.com). ■

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

■ 086 004 7246

■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala

■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296

■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285

■ liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumcedisi – Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yegela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716

■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUZELI BOPHUHLISO

Jacques Roux

IFree State eseNtshona (Bethlehem)

■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr11@gmail.com

Johan Kriel

IFree State eseMpuma (Bloemfontein)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisini: Dundee)

■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za

■ Office: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel

Entshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad & Mthatha)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)

■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

KARINA MULLER, UMBHALI
KWIPULA IMVULA



Inkqubo egugula ubomi babantu



Abalimi badibanela ukuthu-ngelela nokufunda

I-GRAIN SA ibizimase umbhiyozo wosuku lwabalimi ngomhla wesit2 ku Juni eLegolaneng eLimpopo obulungiselelw amalungu eqela ofundonzulu kwingingqi. Injongo yetheko ibikukuqinisekisa intsebenziswano nokomeleza ubudlelwane phakathi kwamaqela asentloko kubambiswano kwicandelo loshishino lolimo neleenkonzo. Inkqubo ibibandakanya ukwenziwa kweentetho ngemigaqo yokufama encomekayo, ukufakwa kwezichumiso nokuthintelwa kwezifo.

UJerry Mthombothi, umphathi wophuhliso lwengingqi kwiofisi yase-Mbombela, ugxininise ukubaluleka kwemigaqo yokufama ephambili, ngelixa uThobeka Manyathi ovela eKynoch ekhokele ingxoxo ngokubaluleka kokusebenzisa iindlela zobuchule zokuthathwa kweesampulu ngokuchanekileyo ukze izichumiso zeNPK zifakwe phambi nangexesa lokuhlwayela.

ULawrence Mataha ovela kwiziko lobuChwephe she kwezeNdalo zamaHlati noLimo (Forestry and Agricultural Biotechnology Institute - FABI), kuBambiswano neSebe lezeNzululwazi noSungulo (Department of Science and Innovation - DSi) kunye neGrainSA, baxoxe ngamalinge abo entsebenziswano ajoliswe kwisindululo sothintelo lwezifo. Injongo yale projekthi kukuchonga nokufumanisa ingqiqo enzulu ngobukho bezifo eziphambili eMzantsi Afrika. Ngokusebenzisa olu bambiswano, bahlanganisa imithombo yabo yoncedo, ubungcaphephe kunye nolwazi ngokuqhube imisebenzi ebanzi yothintelo.

Ngokubona kukaNolo Bakwa, umqe qeshwa waseGrain SA kwezonxi-belelwano, obeye kweli theko, olo suku belulithuba labalimi lokuthungelana, ukufunda kwiingcaphephe nokuhlala beneenkukacha ezihlaziyayo malunga nemigaqo eyiyona mitsha elandelwa kulimo. 'Eli theko liphinde lakhuthaza umoya wokuphilisana koluntu phakathi kwamalungu amaqela ofundonzulu. Umbhiyozo wosuku lwabalimi uqosheliswe kakuhle, wonke umntu evuselelelekuze aqhube ngokuxhasa nokuhuthaza ukukhula kwabalimi abasaphuhlayo.'



Amalungu eQela IoFundonzulu iLegolaneng noJerry Mthombothi (phakathi).



La malungu achwayitileyo eqela IoFundonzulu onwabele usuku lwabalimi kangangoko.

Amaqela ofundonzulu anika INGXELO NGEZIVUNO ZIHLE

INYANGA kaJuni isoloko ilixesha lokuxakeka kubalimi bezityalo zasehlotyeni – kanti uninzi lwabo lusaxakeke ngoku-vuna nangokuthengisa izityalo zabo.

Kwithuba eliphakathi komhla woku1 ukuya kowama21 kuJuni, iqela leGrain SA lizidibanise namaqela ofundonzulu alishumi elinesibini. Nantsi ingxelo evela koosihlalo abahlukahlukileyo:

- **IQela IoFundonzulu iNijini** linike ingxelo yezivuno ezhile, kanti abalimi abaninzi sebewususile umbona wabo emasimini abo.
- **KwiQela IoFundonzulu laseBarberton** amalungu axoxe ngendima ebalulekileyo yomhlaba – impilo yomhlaba, amanqanaba obunzulu bomhlaba kunye nalowo obunzulu obufanelekileyo bokuhulisa izityalo.
- **IQela IoFundonzulu iAmandangane** livune izivuno eziphucuke kakhulu. Njengoko amasimi abo engabiyelwanga, kuye kwafuneka ukuba umbona ususwe phambi kokuba wome – ngoko ke balinde ukuba ude wome phambi kokubulwa.
- **IQela IoFundonzulu iSalubindza** lixoxe ngomhlaba nango-limo, iintlobo zomhlaba, imithombo yezondlo kumhlaba ochumileyo nesakhono sokukhupha imveliso. Abalimi bakhuthazwe ukuba baqalise ngokulungiselela ixesha elizayo lokulima.
- **Abalimi beQela IoFundonzulu laseBizana** baye banya-nzeleka ukuba bavune kwangoko kwinyanga kaMeyi ngenxa yemfuyo engena emasimini ombona yonakalise izityalo zabo. Izivuno azizihlanga kwaphela – ngenxa yokutyalu emva kwexesha kuba bekukho izandyondyo zemvula.



USihlalo weQela IoFundonzulu iNijini, uMnu Zembe nezinye zeziyalo ezipuniwego.



KwiQela IoFundonzulu laseSheepmoor, kuchazwe ipH yomhlaba, kwaye abalimi batfundiswe ngexabiso lokufaka ika-likia nezizathu zokuthathwa kweesampulu zomhlaba.